URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo lezoPhando

Isalathiso: 20200204-4022
Inombolo ye Fayile: 12/2/10/5
Imibuzo: V Nyalashe

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lezoPhando: 0002/2020

Iya: KwiiNqununu zazo zonke izikolo ezizimeleyo

Isihloko: IiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yeWCED ngo-2020 kwizikolo ezizimeleyo.

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) sele kulithuba liqhuba iiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo kwiiLwimi nakwiMathematika kubafundi bamaBakala 3 no-6 ukususela ngo-2002. Le nkqubo yaye yanatyiselwa kwiBakala 9 ngo-2010. Iziphumo zinceda izikolo ekuqapheleni iinkalo ezisafuna ukuphuculwa kwanokuba i*WCED* iqaphele iinkalo zekharityhulam ezifuna inkxaso engaphezulu.

2. Izikolo ezizimeleyo zacelwa ukuba zithathe inxaxheba kwinkqubo yovavanyo ukususela ngo-2010. **Izikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali kufuneka zithathe inxaxheba** lo gama izikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali zithatha inxaxheba ngokucelwa zona.

3. **Le ngcaciso imfutshane isebenza njengesicelo esisesikweni esiya kuzo zonke izikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali** ezinabafundi abangaphezu kwe-10 kulo ngalinye lamaBakala 3, 6 no-9 ukuba lithathe inxaxheba kwiiMvavanyo zeMfundo ze*WCED* ngo-2020. Ezi mvavanyo ziya kuqhutywa yi*WCED*.

4. Kucelwa ukuba uqwalasele ezi nkcukacha zilandelayo zeemvavanyo zika-2020:

   - Uvavanyo luya kuqhuba ukususela nge-**30 Septemba ukuya kwi-15 Oktobha 2020.**
   - Iimvavanyo ziya kucwangciselwa usuku olunye kwisikolo ngasinye.
   - Abafundi beBakala 3 baya kuvavanywa kuLwimi nakwiMathematika, ngoLwimi lokuFundisa nokuFunda (*Language of Learning and Teaching* (*LoLT*) lwesikolo (ngesiNgesi, ngeAfrikansi okanye ngesiXhosa).
   - Abafundi bamaBakala 6 no-9 baya kuvavanywa kuLwimi nakwiMathematika, nge*LoLT* yesikolo (isiNgesi okanye iAfrikansi).
   - Amanqaku okupasa zonke iimvavanyo ngu-50%.
   - Iiripoti zezikolo ziya kunikwa zonke izikolo.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 9350 Fax: +27 21 425 7445
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

5. Ukuba isikolo sakho siye sanomdla ekuthatheni inxaxheba kwiimvavanyo zika-2020, kucelwa wenze oku kulandelayo:

   - Zalisa le fom iqhotyoshelweyo njengendlela yokubonakalisa umdla kwesikolo sakho ekuthatheni inxaxheba kwinkqubo yovavanyo yamaBakala 3, 6 no-9, uyithumele kuMnu Vumile Nyalashe kwifeksi 086 555 3955 okanye uyithumele nge-imeyili apha vumile.nyalashe@westerncape.gov.za **ungadlulanga owe-24 Apreli 2019**.
   - Qinisekisa ukuba iinkcukacha zabo bonke abafundi abakumaBakala 3, 6 no-9 zifakwa kwisistim eyi*Central Education Management Information System (CEMIS)* **ungadlulanga owe-31 Julayi 2020**.

6. I*WCED* ijonge phambili ekuthatheni inxaxheba kwii*M*vavanyo zeNkqubo yeMfundo ye*WCED* ngo-2020 elungiselelwe amaBakala 3, 6 no-9 wezikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2020-02-10

Igama lesikolo											
INo. ye-*EMIS*											
Ingaba iinkcukacha zomfundi zifakiwe kwi*CEMIS*?							**EWE**		**HAYI**		
Ingaba isikolo sizizalisile sazithumela iisaveyi eziQuphayo neesaveyi zaqho ngonyaka zaso zika-2020 e*WCED*?							**EWE**		**HAYI**		
Ukuba isikolo sakho siza kuthatha inxaxheba, bhala amabakala aya kuthatha inxaxheba kwiimvavanyo ngokumakisha ibhokisi efanelekileyo											
IBakala 3		**IBakala 6**					**IBakala 9**				

IINKCUKACHA EZIFUNEKAYO	**IBakala 3**	**IBakala 6**	**IBakala 9**
Inani leeklasi			
Inani labafundi			
Inani labafundi abasebenzisa i*LoLT* eyiAfrikansi			
Inani labafundi abasebenzisa i*LoLT* esisiNgesi			
Inani labafundi abasebenzisa i*LoLT* esisiXhosa			

.....
Isignitsha yeNqununu

Umhla: .....

Kucelwa ubuyisele ifom ezalisiweyo kuVumile Nyalashe kwi-086 555 3955 okanye uyithumele nge-imeyili apha vumile.nyalashe@westerncape.gov.za okanye ufonele ku-021 467 9350.